Isalathiso: 20190409-3594
Inombolo yefayili: 12/2/13/5
Imibuzo: I Teladia

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0007/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, KwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*FET*, kuBaququzeleli be*GET*, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezidibeneyo

Isihloko: Isaziso soqeqesho kuCwangciso lwaMakhondo oMsebenzi soLwazi ngezoBomi olwenzelwa ootitshala bamaBakala 8 no-9

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) likubeke phambili ukuqeqeshwa kwabo bonke ootitshala bamaBakala 8 no-9 boLwazi ngezoBomi kuCwangciso lwaMakhondo oMsebenzi (*Career Planning*).

2. Uqeqesho luya kuqhubekela e*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*) kwithuba leentsuku ezimbini.

3. Umsebenzi wale ngcaciso imfutshane kukwazisa bonke ootitshala boLwazi ngezoBomi bamaBakala 8 no-9 ukuba olu qeqesho lungentla luya kuqhubeka ngokulandelayo:

NgoLwesibini, nge-18 Juni ukuya ngoLwesithathu, nge-19 Juni 2019	Amaxesha oqeqesho: • NgoLwesibini: Lubhaliso ngo-08:00 • NgoLwesibini nangoLwesithathu: 08:30–16:00

4. **Inkqubo yokubhalisa**

Kucelwa ootitshala babhalise ekhompyutheni besebenzisa le linki ilandelayo: https://docs.google.com/forms/d/167SR0K9RE4Ce03HgbnK8up6OOlu7LzvIvJmjCH5jB9s/edit **ungadlulanga okanye phambi kwangoLwesihlanu, we-24 Meyi 2019**. Kubaluleke gqitha ukuba izikolo zinike iinkcukacha zobhaliso ezichanekileyo ukuze naziphi iingxaki zamalungiselelo zibe nokuthintelwa kwindawo yoqeqesho.

5. **linkcukacha zohambo**

5.1 Kuya kuhlawulwa isibonelelo sohambo, phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- Makungqinisiswe ukuba kuyiwe kuyo yonke ikhosi yoqeqesho.
- Umgama uwonke ohanjiweyo kwithuba **leentsuku ezimbini mawudlule kwi-100 km**, o.k.t. ubuncinane mayibe ngumgama we-50 km wohambo lokuya nokubuya ngosuku.
- Umgama uwonke ofakelwe ibango kwithuba **leentsuku ezimbini mawungadluli kwi-800 km**
- Abathathi-nxaxheba abagqithisayo kukumgama ongaphezu kwe-140 km uhambo lokuya nokubuya, bayacetyiswa babhalisele indawo yokulala endaweni yoko.

5.2 Izicelo zamabango ziya kuhlolwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

Ukusetyenziswa kwemoto yakho	Kangangoko kunako, ootitshala mababelane ngesithuthi. Kuphela ngumqhubi okanye umnini-sithuthi onokwenza ibango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusetyenziswa.	
Ukusetyenziswa kweklabhu yelifti (ehlawulwayo okanye esimahla) kwimoto yakho.	Kuphela ngumqhubi okanye umnini-sithuthi onokwenza ibango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusetyenziswa.	
Ukusetyenziswa kwebhasi yesikolo	Isikolo masifake ileta echaza ukuba ibhasi yesikolo ibisetyenziselwe le khosi, amagama abakhweli kunye nomgama ohanjiweyo. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusetyenziswa.	
Ukusetyenziswa komboneleli-nkonzo obhalisiweyo *OKUBALULEKE GQITHA: Makufumaneke imvume kwangaphambili ebhaliweyo esuka*	Inyathelo 1	Isikolo masifumane iikoteyishini zibe ntathu phambi koqeqesho.
	Inyathelo 2	Isikolo masingenise ezi koteyishini kumququzeleli we*GET* wesithili. Kuya kwamkelwa eyona koteyishini ixabisa kancinci.
	Inyathelo 3	Umququzeleli we*GET* makanike inqununu isiqinisekiso esiyincwadi ebhaliweyo sokuba inkonzo leyo inokufumaneka ngemvumelwano.

kumququzeleli weGET wesithili.	Inyathelo 4	Isikolo masilungiselele ukuqeshisa ngenkonzo leyo.
	Inyathelo 5	Emva kokuba yenzekile inkonzo **isikolo** masihlawule umboneleli-nkonzo kwaye sifumane irisithi.
	Inyathelo 6	Ukuze kwenziwe imbuyiselo yemali, isikolo masifake ileta kumphathi ojongene nezicelo wesithili echaza ukuba kusetyenziswe umboneleli-nkonzo kuze kudweliswe namagama abakhweli kunye neenkcukacha zomgama ohanjiweyo. Makuqhotyoshelwe iikoteyishini, imvume yomququzeleli we*GET* kunye ne-invoyisi yokugqibela ehlawuliweyo.
	Makugcinwe onke amaxwebhu njengobungqina ukwenzela umphicothi-ncwadi wangaphakathi. ISebe i-*WCED* liya kwenza imbuyiselo yemali kwisikolo **kuphela** kusakuba kufumaneke amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume eyincwadi ebhaliweyo ekhutshwe **kwangaphambili** yomququzeleli we*GET* wesithili. Ootitshala mabenze amalungiselelo okukhwelisa abantu abaliqela bebathatha kwindawo efikeleleka kumntu wonke.	
Ukusetyenziswa kwezithuthi zikawonkewonke, umz. iiteksi zikawonkewonke, ibhasi okanye uloliwe ukuhamba umgama omfutshane	Kumabango makubhalwe indawo apho kuqalwa khona nalapho kuphelwa khona kwisigaba ngasinye sohambo. linkqubo zembuyiselo yemali ziya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo. Kunokucelwa ubungqina (amatikiti) ligosa elijongene nezicelo zamabango ukwenzela ukuba ibango libe nokungqinisiswa ngokusemthethweni. Makungenziwa mabango eemali ezihlawulwe kwii-*metered taxi*).	

6. **Indawo yokulala nokutya**

6.1 ISebe i*WCED* liya kuhlawulela indawo yokulala nokutya e *CTLI* yootitshala abasuka kwizithili zasemaphandleni kuphela, phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- Umgama wokuya kwindawo yoqeqesho **mawudlule kwi-50 km** ukuya lokuya, o.k.t. ibe ngumgama we-100 km ukuya nokubuya.
- Makungqinisiswe ukuhanjwa kwayo yonke ikhosi yoqeqesho.
- Ubhaliso malugqitywe kwangethuba elingaphambili.

6.2 Kuya kunikwa indawo yokulala ukususela ngomhla wokuqala ukuya kumhla wokugqibela wekhosi yoqeqesho, kukho nokukhetha ukufika ungene ngo-14:00 nango-17:00 ngosuku olwandulela ukuqala kwekhosi.

7. **Indlela yokufaka isicelo sokwenza ibango**

7.1 Bonke ootitshala abanqwenela ukufaka amabango mabazalise le Fom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) iqhotyoshelweyo baze bayifake kwi-ofisi ejongene namabango kwindawo yoqeqesho ngosuku lokuqala. IFom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) mayifakwe isitampu yibhanki kwaye ingeniswe iyifom eyintsusa kuphela. Akusayi kwamkelwa zifeksi okanye zifotokopi. Ootitshala mabazalise le fom **phambi** kokuba uqeqesho luqale (oko kukuthi, bafika kwindawo yendibano nale fom sele izalisiwe).

7.2 Zonke izicelo zamabango mazikhatshwe ngamaxwebhu ayintsusa. Akusayi kwamkelwa zifeksi okanye zifotokopi.

7.3 Abenzi bezicelo zamabango baya kuhlawulwa imbuyiselo yemali kuphela emva kokugqitywa kwekhosi yoqeqesho kwaye ke ngoko kuya kufuneka bazihlawulele iindleko zabo kwasekuqaleni. Apho kuyimfuneko, kucelwa izikolo zincedise ootitshala ngokumalunga noku. Makugcinwe amaxwebhu abubungqina beentlawulo.

7.4 Iimali eziyimbuyiselo ziya kwenziwa kuphela emva kokuqwalaselwa ngobunono kwezicelo zamabango, yaye iSebe i*WCED* linelungelo lokwenza isigqibo sokugqibela apho kukho ukungangqinelani okanye ukungathotyelwa komgaqo khona.

7.5 Zonke izicelo zamabango mazifakwe kwindawo yoqeqesho apho amagosa aya kufumaneka khona ukunceda abenzi bezicelo zamabango.

7.6 Azisayi kwamkelwa izicelo zamabango ezifika emva kwexesha okanye ezineenkcukacha ezingaphelelanga, ngaphandle kokuba kukho iimeko ezixolelekayo ezizodwa, kwaye imbuyiselo yemali ayinakuqinisekwa.

8. **Imibuzo**

Ukuba unayo nayiphi eminye imibuzo, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana nolsmail Teladia ngefoni 021 467 2199 okanye nge-imeyili apha: Ismail.Teladia@westerncape.gov.za.

9. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala boLwazi ngezoBomi bamaBakala 8 no-9 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-04-23

PROVINCIAL GOVERNMENT WESTERN CAPE

PGWC 006

BAS ENTITY MAINTENANCE
BANK DETAILS

DEPARTMENT

OFFICE

System User Only	
BAS Ref No.	
Captured By:	
Date Captured:	
Authorised By:	
Date Authorised:	

Bank Details

DETAILS OF FIRM / INSTITUTION:

Name

Address

E-mail address

Contact Person **Tel. No.**

I/We ..... hereby request and authorise you to pay any amounts which any accrue to me/us to the credit of my/our account with the mentioned bank.

I/We understand that the credit transfers hereby authorised will be processed by computer through a system know as the "ACB ELECTRONIC BANK TRANSFER SERVICE", and I/We also understand that no additional advice of payment will be provided by my/our bank, but details of each payment will be printed on my/our bank statement or any accompanying voucher.(This does not apply where it is not customary for banks to furnish bank statements).

I/we understand that a payment advice will be supplied by the Department in the normal way, and that it will indicate the date on which funds will be available in my/our account.This authority may be cancelled by me/us by giving thirty days notice by prepaid registered post.

Initials and Surname	Authorised Signature	Date dd/mm/ccyy
		/ /

Name of Bank

Name of Branch

Branch Code

Account Number

Type of Account ☐ **Current Account** ☐ **Other (specify)** ……..

☐ **Savings Account**

☐ **Transmission Account**

DATE STAMP OF BANK
BANK ACCOUNT PARTICULARS
CERTIFIED AS CORRECT

FOR OFFICE USE ONLY

APPROVED BY HEAD OF OFFICE

Print Name:

Signature:

Date: